URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo



Isalathiso: 20210122-611
Inombolo yefayili: 12/2/10/3
Imibuzo: M Wiese

INgcaciso eMfutshane yoLawulo loLwazi neNgcaciso: 0003/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBalawuli beProgram yePhondo, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumagosa ezoCwangciso nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente nakwezezikolo ezizimeleyo zemfundo eneemfuno ezizodwa.

**Isihloko: ISaveyi ye-*SNAP* yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa yango-2021**

1. ISaveyi ye-*SNAP* yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa iya kuqhutywa ngowe- **02 Matshi 2021.**

2. Iinqununu kuya kufuneka ukuba zisayinele ukuchaneka kwedatha yabafundi neyootitshala kwi-*CEMIS*. Umhla omisiweyo owenzelwe ukusayinelwe kwedatha yeSaveyi ye-*SNAP* ngaBaphathi beProgram yePhondo, ziiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, nangamagosa ezoCwangciso ngowe-**12 Matshi 2021**.

3. Phambi kokuba isayinelwe kwi-*CEMIS* iSaveyi, inqununu okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya, makaqinisekise ukuba oku kulandelayo kubonakala ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS*:

   a) Bonke abafundi ababhalisileyo nabahamba isikolo ngo-2021 bayavela ngokuchanekileyo kumabakala, kwiiklasi nakudidi lolwimi lokufunda nokufundisa.
   b) Kuzalisiwe ukubhaliswa kwabafundi abatshintshwayo (abangenayo nabaphumayo) esikolweni (*Learner transfers (in and out)*
   c) Abafundi abaswelekileyo mababe bakhutshiwe kuluhlu lwababhalisiweyo kwaye "umhla wokusweleka" urekhodwe njengoko ubhaliwe kwisatifikethi sokusweleka (*death certificate*).
   d) Kuzaliswe ukutshintshwa kwamabakala.
   e) Kuzaliswe ukutshintshwa kwezifundo.

4. Inqununu okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya makaqinisekise ukuba ihlaziyiwe yaye ingqinisisiwe ilisti yootitshala kwi-*CEMIS*, kwakunye neminyaka yamava, amabakala nezifundo ezifundiswa ngo-2021. Makasuswe amabakala nezifundo

ebezifundiswa kwiminyaka engaphambili ukuba azifanelekanga kumsebenzi katitshala wango-2021.

5. Ukuncedisa ukungqinisiswa kwedatha yesikolo yabafundi nootitshala, kukho iqela leengxelo zemposiso (*several error reports*) ezifumanekayo ukucacisa nokuqinisekisa ukuba idatha efakwe kwi-*CEMIS* yechanekileyo. Kucelwa niqinisekise ukuba zonke iimposiso ezibonisiwe zezi ngxelo ziyasonjululwa phambi kokuba zisayinelwe iingxelo.

6. Icandelo lokusayinelwa kwesaveyi malizaliswe ukuvuma ukungqinisiswa kwedatha njengebonakalisa ngokuchanekileyo inani lobhaliso labafundi nenani labasebenzi (*staff*) njengokuba enjalo ngowe-**02 Matshi 2021**.

7. Izikolo zezibhedlele kuya kufuneka ukuba zizalise ikopi yesaveyi esephepheni yaye ziyingenise kuMnu Chasfred Ahrends, apha: 18th *Floor, Golden Acre Building, Cape Town*. Amaxwebhu esaveyi aya kubonelelwa ngqo ezikolweni.

8. Njengegosa le-*Education Management Information Systems (EMIS*) leziko, inqununu mayilawule iinkqubo zedatha ukuqinisekisa ukuba ubungqina bokungqinisiswa neesignitsha zabasebenzi ekudluliselwe kubo amagunya okutshekisha idatha zinokunikwa abaphichothi-zincwadi xa kuceliwe oko. Inkqubo yedatha ye-*EMIS* yesikolo mayirekhodwe ukuqinisekisa uxanduva lokuphendulela ukuchaneka kwedatha, njengokuba ingcaciso inokuphicothwa.

9. Iyafumaneka ingxelo ye-*CEMIS* ukulungiselela ukuqaphela abafundi abangenazo iinombolo zeeNcwadi zeZazisi (*ID*) nokuququzelela ukufakwa kwikhompyutha kweenombolo zezazisi ezingekhoyo. MAYINGAFAKWA inombolo ye-*ID* engekho mthethweni ukuba umfundi akanayo inombolo ye-*ID* esemthethweni. Niyacelwa nibacebise abazali ngenkqubo yokwenza isicelo se-*ID* kwiSebe leMicimbi yezeKhaya (*Department of Home Affairs*). Ziyacelwa iinqununu zibancedise abazali apho kufanelekileyo ngokuthi ziyiququzelele le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

10. ISebe i-*WCED* liya kongamela ukuthotyelwa kwale nkqubo nokuqinisekiswa komgangatho wedatha yawo onke amaxwebhu angenisiweyo eSaveyi yaQho ngoNyaka yaye liya kunika ingxelo kwiNtloko yezeMfundo ngazo naziphi na izenzo zokungathotyelwa, ukungangqinelani nokungapheleli kwedatha.

11. Ziyakhunjuzwa izikolo ezizimeleyo zemfundo eneemfuno ezizodwa ukuba mazibe nolwazi ngemiqathango yazo yobhaliso. Makuqatshelwe ukuba ukuzilandela mbo iimfuno ezimiselweyo zedatha zeSebe i-*WCED* kuyinxalenye yale miqathango yaye ukungathotyelwa kwayo kunokukhokelela ekukhutshweni ezincwadini zobhaliso kwabafundi.

12. Apho kuye kwakho naziphi na iingxaki ekuzalisweni kwale saveyi, niyacelwa niqhagamshelane nomphathi wesekethe ochaphazelekayo okanye negosa lesithili elidweliswe apha ngezantsi:

**ABalawuli beProgram yePhondo: IZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa**

| AMAZIKO EZIKOLO | UMLAWULI WEPROGRAM | INOMBOLO YEFONI. | I-IMEYILI |
|---|---|---|---|
| *Youth Care Centres, Blind, Hospital Schools* | Chasfred Ahrends | 021 467 2426 | Chasfred.Ahrends@westerncape.gov.za |
| *Severe Intellectual Disability* | Dheena Achary | 021 467 2122 | Dheena.Achary@westerncape.gov.za |
| *Specific Learning Disability, Physical Disability, Cerebral Palsy* | Michael Heine | 021 467 9288 | Michael.Heine@westerncape.gov.za |
| *Autism/Deaf* | Minna Steyn | 021 467 2223 | Minna.Steyn@westerncape.gov.za |
| *Schools of Skills* | Rhoda Manuel | 021 467 2227 | Rhoda.Manuel@westerncape.gov.za |

**Amagosa oLawulo nokuPhathwa kwamaZiko namagosa oCwangciso: IZikolo eziZimeleyo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa**

| UMNTU EMAKUQHAGAMSHELWANE NAYE | INOMBOLO YEFONI. | I-IMEYILI |
|---|---|---|
| *Nazli Domingo-Salie* | 021 467 2235 | Nazli.Domingo-Salie@westerncape.gov.za |
| *Jerry Mofoka* | 021 467 2050 | Jerry.Mofoka@westerncape.gov.za |
| *Wayne Blauw* | 021 467 2557 | Wayne.Blauw@westerncape.gov.za |

**AmaGosa eSistim yeNgcaciso**

| ISITHILI | UMLAWULI WE-*CEMIS* YESITHILI | INOMBOLO YEFONI | I-IMEYILI |
|---|---|---|---|
| *Metro North* | Masixole Stofile<br>Zintle Notununu | 021 938 3052/<br>021 938 3101 | masixole.stofile@westerncape.gov.za<br>zintle.notununu@westerncape.gov.za |
| *Metro Central* | Anita McGrath<br>Tercia Southgate | 021 514 6751/<br>021 514 6737 | anita.mcgrath@westerncape.gov.za<br>tercia.southgate@westerncape.gov.za |
| *Metro South* | Anastasia Rose | 021 370 2120 | anastasia.rose@westerncape.gov.za |
| *Metro East* | Buseka Ndinisa<br>Thembeka Dlamini | 021 900 7053/<br>021 900 7011 | buseka.ndinisa@westerncape.gov.za<br>thembeka.dlamini@westerncape.gov.za |
| *West Coast* | Mervan Davids | 021 860 1596 | mervan.davids@westerncape.gov.za |
| *Cape Winelands* | Kevin van Eeden<br>Shamiel Abrahams | 023 348 0635<br>023 348 0655 | kevin.vaneeden@westerncape.gov.za<br>shamiel.abrahams@westerncape.gov.za |
| *Overberg* | Suzanne Braaf | 028 214 7411 | suzanne.braaf@westerncape.gov.za |
| *Eden and Central Karoo* | Romelda Booysen<br>Keith Zibi | 044 803 8367/<br>044 803 8346 | romelda.booysen@westerncape.gov.za<br>keith.zibi@westerncape.gov.za |

13. ISebe i-*WCED* liyalithakazelela igalelo nokuzinikela kwawo onke amagosa ezemfundo yaye lijonge ngethemba kwintsebenziswano eya kuqhubeka okoko ngo-2021.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2021-02-10